

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)


IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ali-12.



LO 3: UKUBHALA NOKUNIKEZELA

UCAZULULO LWEMIBUZO:

ICANDELO A: IZINCOKO: 40 AMANQAKU

IMIBUZO	ISIHLOKO	UHLOBO LWESINCOKO
1.1	UKHUPHISWANO LWEMIDLALO ESIKOLWENI SAM. Izikolo zengingqi ohlala kuyo bezidibene esikolweni sakho kukhuphiswano lwemidlalo. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngako konke okuqhubekileyo ngale mini.	Esibalisayo/esichazayo
1.2	Ndinephupha lokuba ngenye imini ... Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli phupha lakho.	Esibalisayo/esichazayo
1.3	Bhala isincoko esiza kuphela ngala mazwi: "Ibimnandi kakhulu iholide yam ephelileyo."	Esibalisayo/esichazayo
1.4	Ingaba i-intanethi idala iingxaki okanye iluncedo ebomini bethu? Bhala isincoko uchaze ngendlela i-intanethi eza neengxaki okanye eluncedo ngayo kubomi bale mihla.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.1	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.2	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.3	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.4	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE: 20 AMANQAKU

IMIBUZO	UHLOBO LOMHLATHANA OMDE
2.1	Ingxoxo phakathi kwakho nomnye wabazali bakho malunga nokuya kufunda kude nekhaya.
2.2	Ileta eya kumasipala ngeenjongo zokucela kubuyiselwe ipaki yendawo ohlala kuyo kwisimo sayo esihle.
2.3	Ileta eya ebazalini ngeenjongo zokubabulela ngegalelo labo elihle kwimpumelelo yakho.
2.4	Ingxelo yesikolo malunga notyelelo lwakho kwilizwe laseNew Zealand ngexesha leNdebe yeHlabathi yomdlalo wombhoxo.

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE: 20 AMANQAKU

IMIBUZO	UHLOBO LOMHLATHANA OMFUTSHANE
3.1	Iposikhadi oyithumela kubazali bakho malunga notyelelo lwakho nomhlobo wakho ngaselwandle eThekwini.
3.2	Ipowusta yekonsathi yombutho wesiXhosa eza kuqhutywa esikolweni sakho.
3.3	Imiyalelo yokukhomba indlela ukusuka kwelinye icala ledolophu ukuya kwelinye.

AMANQAKU EWONKE: 80

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1


1.1 UKHUPHISWANO LWEMIDLALO ESIKOLWENI SAM.

Izikolo zengingqi ohlala kuyo bezidibene esikolweni sakho kukhuphiswano lwemidlalo. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngako konke okuqhubekileyo ngale mini.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Yeyiphi le ngingqi kudityenwe kuyo?
- Zeziphi izikolo ezikhuphisanayo?
- Iindidi zemidlalo ekuza kukhutshiswana ngayo.
- Amaqela ezikolo aqhube kakuhle.
- Thetha nangovakalelo lwakho ngokubhekiselele kwizehlo zale mini.



(Umfundi angathetha nangezinye izinto ngokhuphiswano lwezikolo kwingingqi yakhe)

[40]

1.2 Ndinophupha lokuba ngenye imini ... Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli phupha lakho.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Phupha lini eli analo ngobomi bakhe.
- Indlela aza kufikelela ngayo kweli phupha.
- Inxaso aza kuyidinga ekuphumezeni eli phupha.
- Unobangela wokuba achonge eli phupha njengekamva lakhe.
- Indima yeli phupha lakhe ekuphuhliseni uluntu nelizwe lakowabo.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngeli phupha lakhe.)

[40]

1.3 Bhala isincoko esiza kuphela ngala mazwi: 'Ibimnandi kakhulu iholide yam ephelileyo.'

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Ibinini le holide?
- Uyichithele phi le holide?
- Bekutheni ukuze ukhethe ukuyichithela kule ndawo le holide?
- Uyichithe kunye nabani le holide?
- Indawo yokuhlala.
- Ukutya, iziselo, iindawo zolonwabo neendlela zokuzonwabisa.
- Eyona nto uyithandileyo ngale holide.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nale holide yakhe ayithandileyo)

[40]

- 1.4 Ingaba i-intanethi idala iingxaki okanye iluncedo ebomini bethu? Bhala isincoko uchaze ngendlela i-intanethi eza neengxaki okanye eluncedo ngayo kubomi bale mihla.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Yintoni kanye-kanye i-intanethi?
- I-intanethi ibaluleke ngantoni kubomi bale mihla?
- Ngxaki zini ezizalwa bubukho be-intanethi kumakhaya nakwintlalo yethu?
- Ndima ni edlalwa yi-intanethi kumaziko emfundo?
- Ifuthe le-intanethi ekuxhobiseni ulutsha.
- Izinto ozithandayo nge-intanethi.
- Izinto ongazithandiyo nge-intanethi.
- Ubudlelwane phakathi kwe-intanethi nenkcubeko.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngokuphathelele kwi-intanethi)

[40]

- 1.5 1.5.1 Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Ukubaluleka kokuzikhupha niye kuphunga ekhefi.
- Izinto umntu anokuzenza nanokuzifumana ekhefi.
- Amagama eekhefi abantu abanokuya kuzo kwindawo abahlala kuzo.
- Ukwahluka kwale nkcubeko naleyo yemveli yesiXhosa malunga nempungo.
- Indima yokuphunga nokutya ekhefi kwimpilo yomntu jikelele.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngokuzikhupha aye ekhefi)

[40]

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:


- Nangantoni na enokwenza nolwaphulo-mthetho okanye uphango.
- Imini olwenzeke ngayo.
- Indawo.
- Indlela okwenzeke ngayo oku.
- Inkangeleko yabaphangi nezixhobo ababephethe.
- Inkangeleko yabantu xa kusenzeka oku.
- Unxibelelwano phakathi kwabaphangi namaxhoba.
- Ukufika kwabomthetho kule meko.
- Indlela ephele ngayo le meko.

(Umfundi angathetha nangantoni na ngophango nolwaphulo-mthetho.)

[40]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha



Am

pp
nws

1.5.3 Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Indlela abantu abaphila ngayo kwiindawo zoogob'ityholo.
- Iingxaki abajongana nazo kobu bomi boogob'ityholo.
- Izizathu ezikhokelela abantu ekuhlaleni le ntlalo.
- Ukuzimisela kwabantu nokuphumelela kwabo nangona bekwimeko enje.
- Indima karhulumente noomasipala ngokuphathelele kwimeko yoogob'ityholo.
- Indlela abantwana abakhula ngayo kule ntlalo.
- Intsebenziswano phakathi koluntu abahlala kwiimeko ezinjengezi zoogob'ityholo.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngentlalo yasematyotyombeni.)

[40]

1.5.4 Isincoko esibalisayo/esichazayo.


Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Iindlela abantu abohluka ngazo?
- Ukubaluleka kokwamkelana kwabantu nokuba kukho izinto abohluka ngazo.
- Indlela abaphathwa ngayo abantu abakhubazekileyo entlalweni.
- Indlela abaphatheka ngayo abantu abakhubazekileyo ezikolweni.
- Amalungelo abantwana nawabantu abakhubazekileyo.
- Iindlela esinokubanceda okanye sibaxhase ngayo abo bakhubazekileyo.
- Ukubaluleka kwemidlalo.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga neendlela zokwamkelana kwabantu nangona zikho izinto abohluka ngazo.)

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

Am

*PP
NWS*

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

- 2.1 Ingxoxo phakathi kwakho nomnye wabazali bakho malunga nokuya kufunda kude nekhaya.

INGXOXO

Kulindeleke ukuba umfundi nabazali bakhe baxoxe ngokuphathelele nokuya kufunda kude nekhaya.

- Uloyiko lwabazali malunga nokufunda kude nekhaya?
- Ukubaluleka kokumthamba umntwana oya kufunda kude nekhaya.
- Iziyalo emazinikwe lo mntwana.
- Inkuthazo enikwa lo mntwana.
- Indlela lo mntwana aza kuphelisa ngayo uloyiko lwabazali ukuze bamthembe.
- Izizathu zokuba akhethe ukuya kufunda kude nekhaya.
- Ukubaluleka kokufunda ukuzimela kwabantwana.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nomdla wakhe wokuya kufunda kude nekhaya.)


[20]

- 2.2 Ileta eya kumasipala ngeenjongo zokucela kubuyiselwe ipaki yendawo ohlala kuyo kwisimo sayo esihle.

ILETA ESEMTHETHWENI

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yombhali
- Idilesi yenkampani
- Umbuliso
- Isihloko
- Intshayelelo
- Umongo
- Isiphelo



Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Indawoni le paki kule ndawo ahlala kuyo?
- Inkangeleko yale paki.
- Izenzo zabantu ezingamkelekanga kule paki.
- Macebo mani anawo ukuze iphucuke imeko yale paki?
- Indima enokudalwa ngucebisa nomasipala ekubuyiseleni le paki kwisimo sayo sangaphambili.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga namacebo akhe okubuyisela ipaki yendawo ahlala kuyo kwisimo sayo esihle.)

[20]

me


*PP
NWS*

- 2.3 Ileta eya ebazalini ngeenjongo zokubabulela ngegalelo labo elihle kwimpumelelo yakho.

ILETA YOBUHLOBO

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yombhali
- Umbuliso
- Intshayelelo
- Umongo
- Isiphelo



Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Indlela aqhube ngayo kwiziko lemfundo ephakamileyo.
- Uhlobo lomsebenzi awufumeneyo emva kwezifundo zakhe.
- Indlela afikelele ngayo kweli nqanaba akulo ebomini.
- Ukubulela kwakhe abazali ngendima yabo kwimpumelelo yakhe.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nendima edlalwe ngabazali bakhe kwimpumelelo yakhe, kuquka nokubabulela ngokungazenzisiyo.)

[20]

- 2.4 Ingxelo yesikolo malunga notyelelo lwakho kwilizwe laseNew Zealand ngexesha leNdebe yeHlabathi yomdlalo wombhoxo.

INGXELO

Kulindeleke ukuba umfundi abandakanye oku kule ngxelo:

- Indawo ebetyelele kuyo.
- Indlela aphumelele ngayo ithamsanqa lokuya kule ndawo.
- Uhlobo lomnyhadala ebewuzimasile.
- Amaqela ombhoxo aphume phambili.
- Abadlali ababalaseleyo.
- Indlela olu tyelelo olutshintshe ngayo indlela abujonga ngayo ubomi.
- Izinto umfundi azifundileyo.
- Izinto umfundi azithandileyo.
- Izinto anokuxhobisa ngazo abanye abafundi.

(Umfundi angabandakanya nantoni na ephathelele kutyelelo lwakhe kwilizwe laseNew Zealand ngexesha leNdebe yeHlabathi yombhoxo.)

[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE


UMBUZO 3

- 3.1 Iposikhadi oyithumela kubazali bakho malunga notyelelo lwakho nomhlobo wakho ngaselwandle eThekwini.

IPOSITKHADI

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yabazali
- Umbuliso
- Intshayelelo
- Umongo
- Isiphelo



Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Indlela afikelele ngayo apho eThekwini.
- Uziva njani ngotyalelo lwakhe?
- Izinto ebebezenza nomhlobo wakhe.
- Inkangeleko yolwandle nonxweme lweTheku.
- Isimo sabantu baseThekwini.
- Izinto ezinika umdla kule dolophu.
- Umahluko phakathi kwale dolophu nendawo asuka kuyo.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga notyelelo lwakhe)

[20]

- 3.2 Iklabhu (umbutho) yesiXhosa kwisikolo sakho iza kuba nekonsathi. Yila uze ubhale ipowusta yale konsathi uthethe ngezinto eziza kwenziwa njengomculo, umdaniso, ukubonga, ukutya, njalo njalo.

IPOWUSTA

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule powusta:

- Isihloko sepowusta
- Umhla wekonsathi.
- Indawo eqhutywa kuyo ikonsathi.
- Ixabiso lamatikiti.
- Amatikiti afumaneka phi?
- Izinto eziza kwenziwa ekonsathini.
- Kuza kuthengiswa ntoni ekonsathini?

(Umfundi angathetha nangezinye izinto malunga nekonsathi)

[20]

OKANYE

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

Handwritten mark

Handwritten mark

- 3.3 Imiyalelo yokukhomba indlela ukusuka kwelinye icala ledolophu ukuya kwelinye.


IMIYALELO YOKUKHOMBA INDLELA

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye indlela aza kuyihamba ukusuka ku-A ukuya ku-B.

- Qala ukuhamba eMain Road usuka ku-A.
- Jika ngasekhohlo eBeech St. Uza kubona iposi ngasekhohlo kwakho.
- Wela umlambo ujike ngasekhohlo ePine St.
- Ekhohlo uza kubona isikhululo samapolisa.
- Hamba njalo ngePine St. uwele isitalato sokuqala.
- Ngasekhohlo uza kudlula kwilayibrari nesibhedlele.
- Jika ngasekunene eOak St. uze udlule isikolo ngasekunene.
- Uza kufika eYellow Wood St. ujike ngasekhohlo.
- Hamba njalo ngeYellow Wood St. udlule phakathi kwepaki nesilarha.
- Jika ekunene eElm St. udlule isitalato sokuqala.
- Uza kufumana iNu Metro ngasekhohlo kwakho.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80



2012 -11- 02

PRIVATE BAG X 110
MANTONIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80-100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70-79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60-69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50-59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40-49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30-39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0-29%
AMANGAKU	22 ½ - 28	20-22	17-19 ½	14-16 ½	11 ½ - 13 ½	8 ½ - 11	0-8
UMXHOLO/UMONGO NOCWANGCISO	Umxholo ubonakalisa ingqiqo noiwazi olunzulu ngeshloko. Izimvo zibhadlile; Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbada.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kweshloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze isincoko saplumi izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lweshloko, izimvo zibhadlile; Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbada	Isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbada.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kuthungelwano. Izimvo kuzamekile kodwa ziyaphinda-phinda. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esibonakala sisamkeleka nesinuthungelwano.	Umxholo Izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso simtama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, izimvo nothungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye isincoko sioxazalala.
Amanqaku: (28)							
ULWIMI/IZIPHUMLSI/NOHLELO	6-7	5-5 ½	4 ½	3 ½ - 4	3	2 ½	0-2
Amanqaku: (7)	Inqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile, ukusetyenziswa kolwimi olusulungekileyo.	Inqaliselo kulwimi, iziphumlisi, ukusetyenziswa ngokuchanekileyo kolwimi olusulungekileyo nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo.	Inqaliselo kulwimi iphakathi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuphakathi, ulwimi luyamelana neemfundo zesi shloko, nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakathi.	Inqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa kodwa zinobungqina obanelisayo beshloko.	Ulwimi neziphumlisi luyazameka kodwa alusetyenziswanga ngokuchanekileyo, uchongo magama luzamekile, ulwimi aluthungelani kwaye alungqinelani neshloko, sineziphoso ezineqela emva kohlelo.	Inqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso Ulwimi alungqinelani neshloko.	Inqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso kakhulu; Sibonakalisa iziphoso nokubhidanisa kakhulu izimvo emva kohlelo.
ULWAKHIWO	4-5	3 ½	3	2 ½	2	1 ½	0-1
Amanqaku: (5)	Ukukhula kweshloko ngokuthengelana. Umxholo uphuhlile. Ubuchule nesakhono solwakhivo lwezivakalisi, imihlati izimvo konke kugqwesile. Ubude buchanekele.	Ukukhula komongo ngokulandelelanayo. Kukho utlungelwano. Ubuchule nesakhono solwakhivo lwezivakalisi, imihlati izimvo kuphakamile kakhulu. Ubude buchanekele.	Izimvo zomongo zimba. Ubuchule nesakhono solwakhivo lwezivakalisi, imihlati, izimvo nobude konke kukwizinga eliphakathi kwaye zicacile. Ubude duphantse banelisa.	Amanqaku amangaku nezimvo ezifanelekileyo zixelwe. Ubuchule nesakhono solwakhivo lwezivakalisi, imihlati izimvo nobude konke kuyanelisa.	Ezinye izimvo ezifanelekileyo ziyavala. Isakhono solwakhivo lwezivakalisi, imihlati izimvo zineziphoso kodwa zizamekile ukuphuhla nobude buzamekile (side kakhulu / sifutshane kakhulu).	Ngamanye amaxesha uyaphuma kwishloko. Kunzima ukulandela iingcinga zakhe. Isakhono solwakhivo lwezivakalisi, imihlati izimvo nobude ncam nobude izimvo asiphuhlanga abuphuhlanga ncam (side kakhulu / sifutshane kakhulu).	Uphumile kwishloko. Isakhono solwakhivo lwezivakalisi, imihlati izimvo nobude (side kakhulu mpele / sifutshane kakhulu mpele) asiphuhlanga kwaphela.

IsiXhosa Ulwimi Lwesibini Olongezelelweyo (SAL)/P2

NSC – Memorandum

10

DBE/Novemba 2012

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO - ICANDELO A: IPUBHRIKHI YOKUHLOLA ISINCOKO (IZINCOKO) (AMANGAKU: 40)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

Handwritten signature

Handwritten signature

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO - ICANDELO B: IRUBHIKHI YOKUHLOLA IMIHATHANA EMIDE (AMANQAKU: 20)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80–100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70–79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60–69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50–59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40–49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30–39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0–29%
AMANQAKU UMXHOLO/ NOCWANGCISO	11½–14 Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhla emkholweni akaphumi ecaleni. Umxholo noccwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Ubungqina besicwangciso benza kwaphuma tekisi enka imbadla kakulu. Usebenzise imithetho efanekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	10–11 Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhla emxholweni kwaye akatane aphume emxholweni. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanekileyo yesakhiwo kakuhle.	8½–9½ Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhla emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla nesithungelanelayo. Usebenzise imithetho efanekileyo yesakhiwo.	7–8 Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwaneleyo. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamkellekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwaneleliso.	6–6½ Uzamlile ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukufongwa kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Ubungqina besicwangciso buvelise tekisi ezamekileyo. Unolwazi uluzamekayo lwesakhiwo. Kukho iimpazamo ezibonakalayo.	4½–5½ Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukurciphha kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwilindawo ezininzi. Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, zimbalwa izimvo ezixhasa isihloko. Ubungqina besicwangciso bunciphile. Tekisi ayibhawananga kakuhle. Ukusebenzisa imithetho yesakhiwo akuphuhlanga kakuhle - kukho izinto ezibalulekileyo ezisihliweyo.	0–1½ Tekisi ibhaliwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulimni lubonakala lungahambelani nesihloko. Tekisi ineeimpazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde / imfushane kakhulu.
ULWIMI/ IZIPHUMLISI/ NOHLELO	5–6 Tekisi ibhaliwe ngegramma echanekileyo kwaye yakhiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakulu ngokwenjongo, ngokwabatundi nangokwemeko. Ulimni lubhaliwe ngokugqwesileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eligqwesileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	4½ Tekisi ibhaliwe kakuhle nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise okuphakamileyo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulimni lubhaliwe kwizinga eliphakamileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakamileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakamileyo.	4 Tekisi ibhaliwe kakuhle nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise ukuphuhla ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulimni lubhaliwe ngokuphakathi. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	3–3½ Tekisi ibhaliwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi ihungelwano. Isigama sibonakalise ukuphuhla okwanelelo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulimni lubhaliwe ngokwaneleliso. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Tekisi iseneqela leziphoso ezibonakalayo emva kohlelo. Ubude buphanitse buchaneke ngokwaneleliso.	2½ Uzamlile ukubhala tekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulimni lubhaliwe ngokufanekileyo. Umfundi uzamlile ukubhala tekisi nangona yitekisi eneziphane eziliqela emva kohlelo. Ubude – inde / imfushane nje.	2 Tekisi ibhaliwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulimni lubonakala lungahambelani nesihloko. Tekisi ineeimpazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde / imfushane kakhulu.	0–1½ Tekisi ibhaliwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulimni aluhambelani nesihloko. Tekisi ineeimpazamo ezininzi kwaye ayilandeleki tu emva kohlelo. Ubude – inde / imfushane kakhulu mpele.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION

2012 -11- 02

PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001

PUBLIC EXAMINATIONS

Amanqaku: (4)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tynila iphepha

Handwritten mark

Handwritten mark

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO - ICANDELO C: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (AMANQAKU: 20)

IKHOWUDI	QWESILEYO KHOWUDI 7 80-100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70-79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60-69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50-59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40-49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30-39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0-29%
AMANQAKU UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO Amanqaku: (14)	11 ½-14 Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeemfundo zetekisi, Umfundi uhlela emxholweni akaphumi ecaleni. Umxholo nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Umfundi besicwangciso benze kwiphuma itekisi enikwiphuma kakhulu. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	10-11 Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhlela emxholweni kwaye akafane aphume emxholweni. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Umfundi besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo kakhulu.	8 ½-9 ½ Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhlela emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoiko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Umfundi besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwanelisayo.	7-8 Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwaneleyo. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Umfundi besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamkelekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwanelisayo.	6-6 ½ Uzamlile ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni ngayo ibonakalisa ukujonga kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nie kusekho izikroba. Umfundi besicwangciso buvelise itekisi ezamekileyo. Umfundi oluzamekayo lwesakhiwo. Kukho impazamo ezibonakalayo.	4 ½-5 ½ Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukunciphisa kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, zimbaliwa izimvo ezixhasa isihloko. Umfundi besicwangciso bunciphile. Itekisi ayibhalwangi kakhulu. Ukusebenzisa imithetho yesakhiwo akuphuhlanga kakhulu - kukho izinto ezibalulekileyo ezishiyiweyo.	0-4 Akakwazi ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, izimvo ufhungelwano izimvo kuyingxaki enkulu; unezimvo ezimbaliwa kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.
ULWIMI/IZIPHUMLISI/NOHLELO Amanqaku: (6)	5-6 Ittekisi ibhalwe ngegama echanelekileyo kwaye yakhiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakhulu ngokwenjongo, ngokwabafundi nangokwemeko. Ulwimi lubhalwe ngokugqwesileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eligqwesileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	4 ½ Ittekisi ibhalwe nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise okuphuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe kwizinga eliphakamileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakamileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	4 Ittekisi ibhalwe kakhulu nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise okuphuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	3-3 ½ Ittekisi ibhalwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi thungelwano. Isigama sibonakalise ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwanelisayo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Ittekisi iseneqela leziphoso ezibonakalayo emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokwanelisayo.	2 ½ Uzamlile ukubhala itekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakhulu ngokwenjongo, abafundi nemeko. Usokole ukubhala ulwimi ngokufanelekileyo. Umfundi uzamlile ukubhala itekisi nangona iyitekisi eneziphene eziliqela emva kohlelo. Ubude - inde / imfutshane nje. imfutshane nje. ngokwanelisayo.	2 Ittekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakhulu ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubonakala lungahambelani nesihloko. Ittekisi ineempazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude - inde / imfutshane kakhulu mpela.	0-1 ½ Ittekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kakhulu mpela kwaye asihambelani kakhulu ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi aluhambelani nesihloko. Ittekisi ineempazamo ezininzi kwaye ayilandeletu emva kohlelo. Ubude - inde / imfutshane kakhulu mpela.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
 2012-11-02
 PRIVATE BAG X 110
 PRETORIA 0001
 PUBLIC EXAMINATIONS

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Handwritten mark

Handwritten mark